# Isipho esingalindelekanga

IsiXhosa



Harold Gondwe

# Isipho esingalindelekanga

Ibhalwe nguHarold Gondwe
Izotywe nguHeidi-Kate Greeff



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi



Namhlanje sisikhumbuzo sosuku lokuzalwa kukaMbongeni. Ugqiba iminyaka elishumi. Uyavuya kakhulu. Abazali bakhe bamenzele itheko lomhla wokuzalwa kwakhe.

Bamthengele ikeyiki eyenziwe yangathi yibhola. Itafile izele kukutya okumnandi okufana namaqebengwa neeswiti.

Kunyanzelekile ukuba zibekhona iiswiti xa kukho itheko lomhla wokuzalwa.

Usapho lwakhe lumphe izipho, nabahlobo bakhe bamphe izipho.

Bonke abahlobo bakhe baye bachulumanca bakubona ikeyiki enomfanekiso webhola. Bayitya ikeyiki kodwa abayigqiba kuba yayinkulu kakhulu.



Emva kwetheko, umhlobo kaMbongeni onguMancoba uye wasebezela Mbongeni.

Uye waphendula uMbongeni wathi, "Kulungile mhlobo wam, ndiza kuza sakugqiba ukupakisha izitulo, ndincedise ukuze sikhawuleze sigqibe."

Bazipakisha izitulo, bachola amaphepha bagqiba ngokukhawuleza.

UMbongeni wacela kumama wakhe, ecela ukuya kuthatha isipho sakhe kuloMancoba.



Wabuza umama wakhe: “Bekutheni ukuze ungezi naso isipho sakho Mancoba?”

“Ndisisishiye ngempazamo mama,” waphendula uMancoba ngelizwi elitshothozayo.

“Ukhawuleze ke Mbongeni kuba kaloku ndiyanazi nina xa nidibene nomhlobo wakho, nidlala kude kurhatyele.



“Mbongeni, nceda undilinde apha ngeli xesha ndiyokulanda isipho sakho,” watsho uMancoba.

UMbongeni wasala ecinga ukuba inokuba sisipho esinjani aza kusinikwa ngumhlobo wakhe.

Wahlala emlindweni ejonge ukubuya komhlobo wakhe. Ngephanyazo wathi gqi uMancoba ephethe ibhokisi encinci. Ingaba yintoni le isebhokisini?

“Mini emnandi yokuzalwa mhlobo wam, nasi isipho sakho. Ndiyathemba ukuba uza kusithanda,” watsho encumile.

UMancoba wanika uMbongeni isipho. Akazange akholelwe akubona into esebhokisini, injana!



“Awu, mhlobo wam! Wazi njani ukuba kudala ndinqwenela ukuba nenja?”

“Kaloku bendikuva qho xa sincokola ngezilwanyana usithi uyayithanda inja. Ndiyicele kutatomkhulu le njana kuba inja yakhe izele iinjana ezine.”

“Enkosi kakhulu mhlobo wam,” watsho ubuso bakhe buzele uchulumanco nolonwabo uMbongeni.



“Ndingayiphakamisa injana?” watsho ekhangeleka enexhala uMbongeni.

“Yithathe mhlobo wam, yinja yakho kaloku le, ndiwugqibile mna owam umsebenzi,” watsho uMancoba.

“Sendinalo igama layo, ndiza kuyithiya igama ngoku,” watsho ephakamise ibhokisi uMbongeni.

“Owu sowunegama, hayi ulicinge ngokukhawuleza,” watsho emangalisekile uMancoba.

“Igama lenja yam nguChicco.”



UChicco wapitshozisa umsila wakhe evuyela uMbongeni. UChicco umhlophe ngebala ze abe nebala elimnyama ebusweni.

UChicco uye wancwina kancici. UMbongeni akazange azi ukuba makathini kule nja.

“Kufuneka uncokole ke nenja ukuze izokuqhela,” wamcebisa umhlobo wakhe uMancoba kuba wayebona ukuba udidekile.

“Mancoba, ndiyahamba ngoku. Ndiyacinga ukuba inoba uza kuthini umama xa endibona ndifika nenja.”



Wathi akufika ekhaya uMbongeni, wayifihla emva kwendlu injana yakhe. Wayesoyika engazi ukuba makayiphathe njani injana yakhe.

Weva umama wakhe embuza ukuba sele ebuyile na. Woyika kuba umama wakhe wayengayifuni inja kuba wayesithi izinja kwaye zinenkathazo.

"Ewe, mama, ndibuyile.
Khawukhe usondele uzokubona isipho sam," waphendula uMbongeni.



Umama wakhe wathi akuyibona inja wathi, “Isipho senja?” wabuza ethe gqa amehlo kukothuka.

“Mbongeni, uze uncede uyikhathalele le nja, andinqweneli kubona ilindle layo lithe saa kuyo yonke indawo. Uyandiva?”

“Ndiza kuyikhathalela mama, ndiyakuthembisa,” watsho uMbongeni ejonge phantsi.



Baba nzima kakhulu ubusuku bokuqala kuMbongeni kuba uChicco wakhala ubusuku bonke.

UChicco wayengafuni ukulala yedwa phandle waze uMbongeni wamthatha wamngenisa endlwini.

Ekugqibeleni, waye wakuqhela ukulala phandle kwindlwana yakhe uChicco.

Wakhula kakuhle esoloko ebonwa ebaleka kunye noMbongeni phandle.



UChicco wayesitya ukutya kwezinja okusenkonkxeni futhi ekuthanda kakhulu. Babekugcina efrijini ukutya okushiyekileyo.

UMbongeni wamthengela amathambo okudlala, wayewaphosa kuye aze yena uChicco atsibe awagange.

Qho xa ilixesha lokuba ahlambe uChicco, wayebaleka aye kuzimela emva kwendlu kuba wayekucaphukela ukuhlamba.



Ngenye imini, akubuya esikolweni uMbongeni walungisa isidlo sakhe sasemini.

Njengesiqhelo, wavula ifriji waze wabona isuphu enamathambo. Wayifudumeza kunye nepapa waze watya.

Wagqiba ukutya ngokukhawuleza.

Wafika umama wakhe waze wavula ifriji wabuza, ”UChicco sele etyile?”



“Hayi mama, ndithe mandiqale nditye ndizokumhoya,” waphendula uMbongeni egqibezela ukutya.

“Ngoku ke iphi isuphu kaChicco ebisefrijini?” watsho ekhangela phakathi efrijini.

Wathi akulaqaza endlini, wabona isitya ebesinesuphu kaChicco esinkini.

“Mbongeni, ufuna ukundixelela ukuba nguwe otye isuphu kaChicco?”



“Khange ndiyazi mama ukuba ibiyisuphu kaChicco leya,” Ubuso bukaMbongeni batshintsha enqwenela ukukugabha konke oko kutya wayegqiba kukutya.

“Hayi! Awuzukugabha nto tu kuba kaloku uhluthi kwaye ukutya sekusesiswini sakho,” watsho umama kaMbongeni ehleka.

“Ndiza kuthini mama xa ndinokugula?” ngaloo mzuzu uMbongeni wayezama ukugabha kodwa kona ukutya akuzange kuphume.



Ngaloo mzuzu, uChicco wayeme ngasecangweni, ekhonkotha, elindele ukuba uMbongeni amphe ukutya ukuze bazokuhamba bayokudlala.

UMbongeni wathi ,"Esinje sona isipho somhla wokuzalwa, jonga ngoku nditye ukutya kwenja, ingaba ndiza kuphila na?" wayeziva ekhathazekile.

Waphinda wacinga wathi: "Ukuba uChicco uyaphila, oko kuthetha ukuba andizukufa.

# IMIBULELO KWABA


**Ibhalwe ngu**
Harold Gondwe

**Izotywe ngu**
Heidi-Kate Greeff

**Umhleli**
Mavis Ndlovu

**Umhleli**
PixelPing Design

**Iguqulelwe ngu**
Nontsikelelo Ntusikazi

**UMqinisekisi woBulunga**
Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00782-4

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2030
NDP

NATIONAL
READING
COALITION
LET'S GET SOUTH AFRICA READING

NATIONAL
EDUCATION
COLLABORATION
TRUST